basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2015

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-26.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli noNcwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli okanye kuncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   Phendula UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

Imibuzo ezizincoko zoncwadiyeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali- 190–240.
Imibuzo ezizincoko zoncwadi iNoveli, uncwadi lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.

7. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

8. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo ngalinye kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

9. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela kwimibuzo ekwiphepha loviwo.

10. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

11. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

12. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO SEPHEPHA LOVIWO:

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: ISIHOBE** | | | |
| **Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.** | | | |
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **AMANQAKU** | **INOMBOLO YEPHEPHA** |
| 1. 'Uvukani madoda kusile' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'Intlakohlaza' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'Amazwi obulumko' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Unkosana "The happyboy" Mgxaji' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Zihlabana nje ziyalamba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 6. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 15 |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 15 |
| **OKANYE** | | | |
| 10. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| 11. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |
| **ICANDELO C: IDRAMA** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 12. *Amaza* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 20 |
| 13. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |
| 14. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| 15. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko zoncwadi okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| **ICANDELO** | **AMANANI EMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO** | **TIKISHA NGASEZANTSI** |
|---|---|---|---|
| A: Isihobe (Isihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | **KUNYE** | | |
| A: Isihobe (Isihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: Inoveli noNcwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–11 | 1 | |
| | | | |
| C: Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 12–15 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko zoncwadi okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

### *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo ezizincoko zoncwadi buli-190–240 amagama.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule uhlalutye isitanza ngasinye ukuphuhlisa umongo.

**UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV Mzukwa**

........................................................
Itsho kamnand' emini,
Ewe x'ixel' imin' emaqanda;
Yatsho kalusizi ngorhatya,
Kwathwa kwelakowethu zezombethe.

Nkunz' edla kamnandi edla neemazi,
Nkunz' eyaziwayo yaziwa ngamathole.
Yaqhwaya madad' izihlamb' emgqubeni,
Yancedis' ukufun' isitshix' emfungu-mfungwini.
........................................................................
Wubon' uzigwagwisa kwiintokazi,
Wubon' usakha amaxhaka,
Wubon' udlisela ngobungangamsha,
Gqi indun' enkulu usapho luyashiywa

'Mampehle, ma-Mpehle ni-ni – nisindile?'
'Xa, xa-xa bekutheni?'
'Ndakubetha, nda-ndakubetha'
'U-u-usile, u-u-sile' zatsho iintokazi zintyontyela.'
Wakhony' emnyangw' emini,
Wagxothwa kub' ubiz' iindwendwe kulanjiwe.

Wakhul' amajengxeb' emlenzeni,
Awu kamb' iintsuku zihambile.
Mqhagindini uxatyisiwe
Wotshindini yakowethu uyathandwa,
Ndatsho nam ndancoma. **[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe**

Ntlakohlaza, siyakubulisa!
Mvuseleli, sithi tyaph' ufike.
Luhl' uhlaza olwambes' umhlaba,
Neentyatyambo ezigqagqeleyo.

Ubulusizi umhlaba ukhedamile,
Uxwebil' uhlininika, umbi-
Namhla uyancuma, uyahleka,
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ubugugile, wambeth' amajacu,
Uneentloni, amehlo ejonge phantsi;
Wawambesa, wanjengomtshakazi.
Ntlakohlaza, siyakubulisa!
.........................................
Yonwabile nayo imifula,
Iyadloba ngokwamatakane,
Ihlokoma, idanduluka isithi,
'Ntlakohlaza, siyakubulisa!'

'Ntlakohlaza, siyakubulisa!'
Silandeli sobusik' obubi,
Mfudumezi emva kwamakhephu,
Mniki-bomi olandel' intshazo.

2.1 Xela isizathu sokusetyenziswa kophawu lwesikhuzo kumqolo woku-1. (1)

2.2 Mfanekiso ngqondweni mni esiwuzotyelwa yimbongi kwisitanza sesi-2 kumqolo wesi- 6? Cacisa. (2)

2.3 Caphula umqolo obonisa uphindaphindo kulo mbongo. (1)

2.4 Liveza ntoni ibinzana, 'Iyadloba ngokwamatakane' kwisitanza sesi-14? (1)

2.5 Nika indlela ezakheke ngayo izitanza ngokwesakhiwo salo mbongo. (1)

2.6 Beka ngawakho amazwi umqolo wesi-18. (2)

2.7 Mfundisoni etyhilwa yimbongi kulo mbongo? (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AMAZWI OBULUMKO – VL Mabinza**

Yivani ndiniphakele amazwi obulumko,
Khon' ukuze niluphumelele ugqatso lobomi.
Yibani ngabantu abanesimo nesimilo.
Yibani nomonde wokuzondelela ningatyhafi,
Khuthalani ninokunyameka nokunyamezela.
Thantamisanani ninokuvelana nokuncedana,
Khon' ukuze nibe nokuphumelela.
Omnye komnye, yibani nokuthobeka,
Lahlani ikratshi nokuzicingela,
Yibani banye nithandane nonke.
Zilahleni iinkcuku nobuhlanga,
Nibe novelwano omnye komnye.
Yenzani njalo ke niziintlanga nonke,
Kub' igazi lenu linye xa ninonke.

3.1 Xela isizathu sokusetyenziswa kwegama 'Yivani' ... ekuqaleni komqolo woku-1 kulo mbongo. (1)

3.2 Iveza ntoni imbongi ngobomi ngegama 'ugqatso'? (2)

3.3 Yintoni injongo yokuba umbhali asebenzise amagama '... nomonde wokuzondelela ningatyhafi' kumqolo wesi-4? (1)

3.4 Caphula umqolo obonisa ukuphathisana kwabantu. (1)

3.5 Mfanekiso ngqondweni mni otyhilwa yimbongi kwimiqolo EMIBINI yokugqibela? (2)

3.6 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)

3.7 Nika uphawu lube LUNYE oluveza ukuba lo mbongo yiSonethi ngokwesakhiwo? (1)
**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNKOSANA 'THE HAPPYBOY' MGXAJI – N Thuthani**

..........................................................................
Ebesithi elapha abe phaya eqongeni,
Esenz' amadanyadanya edlala ngeenyawo,
Etyibilika eqongeni esebenzis' iinyawo ngomtsalane omkhulu,
Elibhanx' ixhoba enguphuncuka-bemphethe,
Loo matshamba ebukeka, elingqul' ixhoba!

Zize zithontelana iimbethi – manqindi zaseRhawutini,
EKapa, eNatala, eBloemfontein naphi na.
**Zize zithontelana zaxel' iimvula zehlobo**,
Zakroza nganye zaxel' amakhwenkw' eentonga esitikini,
Zize kufun' intshing' ebanjwe yinkunzi yaseMonti

Zalwa zizijul'ijacu yem' entla into kaMgxaji.
Ebesith' akudibana nembethi-manqindi elolu hlobo.
Amelane nayo, ayiqhath' ibe sisitunxa,
Akudibana nenjeya azijike afane nayo angaxakeki,
De aqaqambe asamel' ekhuph' ezikrakra izithonga,
Yakuxhom' umgangatho awuxhom de athi vetshe,
Kulaph' ibikhon' iimfihlelo yesakhono sakhe.

Uzitshayel' ezoMzantsi Afrika khucu,
Ezinqumamis' esithubeni ingagqity' imijikelo,
Sakhony' isilo esimpondo zingxakangxaka singenantanga,
Satshotsh' entla sibhavumla siqwenga okusendleleni,
Igazi lidloba ecel' umngeni, zakhwencel' imisila ezeli.
..........................................................................
Ephepha-phepha edlal' ezintanjeni ephephuka,
Eligang' iqonga ee jaju phaya ngobuchul' obumangalisayo,
Athi cebu kuhle aphathe kuvova,
Ekhulul' imvula yamanqindi ngokuthawuza,
Wayibek' iMonti emagqabini nakubeni bengayifuni ...

4.1 Xela isixhobo sohlalutyo esisetyenzisiswe ngumbhali ekuqaleni kwemiqolo emi-4 yokuqala kwisitanza soku-1. (1)

4.2 Sityhila ntoni isigama esibhalwe ngqindilili kwisitanza sesi-2? (2)

4.3 Safobe sini esikrwelelwe umgca kwisitanza sesi-3? (1)

4.4 Chonga umqolo obonisa ukuba uzigqibile zonke iimbethi-manqindi zaseMzantsi Afrika kwisitanza sesi-4. (1)

4.5 Nika indlela esifana ngayo isitanza sesi-4 nesesi-5 ngokwesakhiwo sombongo. (1)

4.6 Phuhlisa intsingiselo equlathwe sisitanza sokugqibela. (2)

4.7 Mfundisoni etyhilwa kulo mbongo? (2)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ZIHLABANA NJE ZIYALAMBA – W Shasha**

Govu! Bhokro-o-o-o-o-o zahlabana!
Kuhlaban'iinkomo zomthonyama
Nazi iimazi zamasi!
Nazi inkab'ezimaxhaka!
Zivalelwe kuthango lwaphakathi!
Ingca ziyayiphoselwa
Kodw'uqaqaqa udlal'abantwana;
Kusikwa ngerhenqe kuphoswe
Zilwe zona ngaloo nketshe-nketshe;
Zihlabana nje ziyalamba
Zihlabana nje ziyalamba

Bayahluth'abazisengayo
Basengel'eselweni nasemlonyeni
Kodwa abavumi kuzivulela
Banya bethe qhutsu kuba ziyakhaba!
Bath'abakahluthi ngumphehluthi!
Zihlabana nje ziyalamba
Zihlabana nje ziyalamba.

Bekungasekho nempunde na
Enokurhol'ihlahl'ivul'isango?
Sakuyithiya sithi 'Rholihlahla'
Siphinde sithi kuye 'Vulisango'
Zophuma zigramz'uqaqaqa
Zithwal'amatshoba zigqotsa!
Tyhini nam ndadloba
Kwanga ke ngoku sekunjalo!
Akusentsuku zatywa-a-a-a-la!
Nde-e gram ndawudl'uqaqaqa!
Zihlabana nje ziyalamba ...

| | | |
|---|---|---|
| 5.1 | Xela isizathu sokusetyenziswa kophawu lwesikhuzo kumqolo woku-1. | (1) |
| 5.2 | Sesiphi isixhobo sohlalutyo esifumaneka ekuqaleni kumqolo wesi-3 nowe-4. | (1) |
| 5.3 | Nika intsingiselo efihlakeleyo yebinzana 'Ingca ziyayiphoselwa'. | (2) |
| 5.4 | Caphula umqolo ophuhlisa ukuxabana ngento encinci kwistanza soku-1. | (1) |
| 5.5 | Mfanekiso ngqondweni mni esiwunikwa ngumbhali kumqolo we-15? Cacisa. | (2) |
| 5.6 | Thelekisa isitanza sesi-2 nesesi-3 ngokwesakhiwo. | (1) |
| 5.7 | Uthini umongo walo mbongo? | (2) **[10]** |

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI

## IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 11.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340-390 amagama.

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Bonisa indlela umbhali azilandelelanise ngayo iziganeko kule noveli, *Nyana Wam! Nyana Wam!* ukubonisa indlela obuthe batshintsha ngayo ubomi bukaThole. **[25]**

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

'Kulungile ke madoda ndiza kunicela nihle, nindilindele apha ndide ndibuye, ndiza kujika ndikhangele apho ndinokuthi ndithele khona amafutha kuba ndiyaqonda ukuba kukude phambili.' Ehla onke amadoda ahlala ecaleni kwendlela wayibasela umqhubi ejika. Ngalo lonke ixesha bemi apho zamana zivakala izikhalo zeemfene, imigqumo yeendlovu neengonyama etsho kuhambe umzimba kwezo ntsunguzi zamahlathi, phofu zingade zitsho kude.

Yayinyamezeleka yonke le migqumo kodwa oweengonyama owawusithi wakutsho kunyikime nomhlaba kwakunzima ukuwunyamezela. Ngokuya ihamba imizuzu wavakala umngqumo wengonyama ukuba awukude. Bathe besahleli belinde njalo babona ngenkunzi nemazi yengonyama zisithi gqi kufutshane. Bathi besaxakekile ukuba baza kuthini na zaye sezifikile. Hayi ke zenza iziqwenga zibaqengqa, yaba bobo busadusadu. Kuthe kweso siphithiphithi wabaleka uThole wakhwela emthini wawabukela loo masikizi abantu beqwengwa zingonyama.

Wayesithi akuyibona le nto kuthi makafihle amehlo, ingumbono ongajongekiyo, kodwa athi ewafihlile njalo amehlo kwale ukuba angajongi. Ngesiquphe ezi zilo zozibini zagqiba isihlanu samadoda ebukele uThole satya sakhothuluza sishiya iintloko zodwa. Kweso sihlanu sasiqwengwa zingonyama kwakukho uThemba noSonwabo, iintanga zakhe. Zithe zakugqiba yabuya inkunzi yengonyama yeza kulo mthi akhwele kuwo kucaca ukuba iyambona.

Yafika yatsho ngomgqumokazi owatsho kwanyikima umhlaba, suka nomthi lo akhwele kuwo wangcangcazela ngathi uza kuwa, yaye imana ukulengetyeka le nto kumthi imtsibela ingade Ifikelele kuye, ivuza izinkcwe kukumbawela.

7.1 Xela le ndawo bakuyo ooThole ngokwesicatshulwa? (1)

7.2 Qhinga lini elisetyenziswe ngumqhubi ukuzahlukanisa nooThemba? (1)

7.3 Sizathu sini esabangela ukuba uThole azibone sele ekule ndawo uyikhankanye ku-7.1? (2)

7.4 Phawula ngesenzo somqhubi sokushiya abantu kumahlathi aseKnysna. (2)

7.5 Cacisa isimo sentlalo sale ndawo wayekuyo uThole? (2)

7.6 Wenza njani uThole ukuzisindisa kwiingonyama? (2)

7.7 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.8 Chaza ukuba uncedwe yintoni uThole ukuze abe ligqirha elamkelekileyo eKnysna? (2)

7.9 Sizathu sini esabangela ukuba uThole alishiye elaseKnysna? (1)

**ISICATSHULWA B**

Ngomhla wokufika kukaMangaliso eRhawutini uThozama waqesha itaxi eBharagwana ukuba imse eJan Smuts. Wacela amaqabane akhe amabini ukuba amkhaphe esithi kwelinye, 'Ndinexhala Tshom'am hleze ithi yakuvela le ntwana ndijube isiduli, ngoko ke ndicela nina njengabongikazi nindikhaphe khona ukuze nithi ukuba ndithe ndajuba nenze umsebenzi wenu.'

Bafika eJan Smuts kuzele inguMbo noMxesibe, abaNtsundu nabaMhlophe, iititshala, abefundisi neentatheli zamaphephandaba, amakhosikazi oManyano namadodana aseWesile kubomvu kusisiqhoqhobela kuqeshwe iibhasi ukusuka koomaNigel noomaRandfontein andithethi ke zona iimoto kwakuyinto nje.

'Uwo-o! Xa bengaka abantu kucaca ukuba bazokubona umntu omnye uthi usakumbona ke thina? Lavakala lisitsho elinye lamaqabane kaThozama.'

'Ukuba ndingakhe ndimthi tshe ngeliso Tshom' am ndingaxola nokuba andithethanga naye ndambamba ngesandla.' Watsho uThozama ukuphendula. Ngenxa yokubona esi sihlwele sabefundisi ababemhlangabezile neentatheli zamaphephandaba bacela kwiziphatha-mandla zesikhululo ukuba bavunyelwe bamhlangabeze esehla enqweleni kuba ngenxa yobuninzi babantu kwaba nzima ukuthetha naye nokuzazisa ukuba ude waza kufika kubo, naye hleze abe sengozini yokulahleka angazi apho makaye khona, okunene bavunyelwa.

Kulindelwe njalo wamana ukudanduluka ezikhwaza umfana ophetheyo iinqwelo ezizayo ezisusa e-Alexandria kwelaseJiphethe ukuza komaKhartoum nomaNairobi ngombhobho wokukhwaza atsho sihlokome isikhululo.

7.10 Ufika evela phi uMangaliso sele egaleleka eJan Smuts? (1)

7.11 Yintoni eyayingamenza ajube isiduli uThozama xa ebona uMangaliso? (2)

7.12 Ngqina ngeengongoma EZIMBINI ukuba uMangaliso ungumlinganiswa ophumeleleyo ebomini bakhe ngokwencwadi. (2)

7.13 Nika uphawu lube LUNYE afana ngalo uMangaliso noMkwayi. (1)

7.14 Phawula ngeengongoma EZIMBINI indima edlalwe nguThozama kubomi bukaThole. (2)

7.15 Ungantoni umongo wale ncwadi? (2)

**[25]**

## UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Bonisa indlela umbhali azilandelelanise ngayo iziganeko kule noveli, *Ukhozi Olumaphiko*, ukususela mhla uMfazwe wabanjwa ngamapolisa de umfundisi uHlathi amcebise ukuba makabhace. **[25]**

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

'Uza kwenzakala kuloo ndlela uyithathayo,' yayililizwi elirhabaxa lendoda, lisitsholo kude kufutshane nam. Ndaqwanya ndajonga ngasentla, hayi andabona mntu, utsho phi bethu?

'Ndihambe ngaphi ke?' Cwaka. Tyhini, uyokutshona phi na lo mntu? Kwathi qatha kum ukuba makube akafuni ukuthetha, ngoko ke mandimkhokele. Ndalathe ezantsi kwam, 'Ndihambe ngapha?' yabuya ngoko nangoko impendulo, 'hayi!'
Ndalathe ngasekunene, wathi hayi kwakhona, nangasekhohlo waphinda walandula.
Ndalathe entla kwam, 'heke, nyuka ke ngolo hlobo.'

'Njani,kungekho ndlela nje?' Ndabuza ndingxamile.

'Nyuka wena iza kubakho indlela.'

'Uphi wena? Yabuya impendulo isithi 'ndilapha' ndabe mna ndingaboni kwanto. Ndigwencele eliweni ndanyuka izicalu zamatye athe nkqo. Ukuqabela amawa nokunyuka umithi yayiyinto esasiyenza sisengamakhwenkwana, kangangento yokuba saside sikhuphisane ngokunyuka eyona ndawo iphakamileyo kulaa ntaba kaQaka. Lwaluneengozi zawo ke nolu khuphiswano esasilunyukiswa njalo ngazo. Ndandisayikhumbula into yokuba phambi kokuba wenze nayiphi na intshukumo, kufuneka uneendawo ezintathu pha kuwe oxhathise ngazo. Ukuba uza kususa unyawo kufuneka olunye nezandla zozibini zibe zixhathise kakuhle. Ndanyuka njalo ndada ndaya kuqabela. 'Uthe kanti uyindoda, ungowaphi?' latsho elo lizwi ligodlozelayo laloo mfo wayethe gedledle ngecala phambi kwam.

9.1 Ngubani lo wayelumkisa uMfazwe ngokwesi sicatshulwa? (1)

9.2 Nika isizathu esibangela ukuba uMfazwe alumkiswe ngale ndawo ahamba kuyo? (2)

9.3 Siganeko sini esimehleleyo ukuze azibone sele edibana nomzingeli? (2)

9.4 Nika indlela awasinda ngayo uMfazwe kumapolisa aseThongo. (2)

9.5 Umncede njani umzingeli uMfazwe kuhambo lwakhe? (2)

9.6 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.7 Uhambo lukaMfazwe oluya eMgazi lube yimpumelelo. Ngqina oku. (2)

**ISICATSHULWA D**

Andizange ndibe nawo amandla okuzifunda ezinye, ndayisonga ipasile ndayibuyisela kwindawo yayo, intliziyo ibuhlungu. Yini madoda, ndamenza ntoni uMdali? Andazi ukuba uxolo ndalubiza kangaphi na phambi kokuba inqwelo-moya iyokuthi ngciphu eRhawutini. Ithe yakuhla ndaziqokelela zonke, ndaziphuthuma, ndalandela abanye ukuphuma.

Ndakhumbula xa ndisithi qolokotho ngaphakathi esikhululweni ukuba uSiphiwo wayethe baninzi abantu abaya kundiphuthuma. Ngenene kwakugcwele kuphithizela. Abanye babexhawulana, abanye bephuzana kukho nabagudlana ngezifuba. Hayi ke, andiyazi ke le into, inokuba iza nalo Mzantsi Afrika mtsha. Abantu bafika bathatha abantu babo bahamba, yashiyeka iholo ize. Makube mhlawumbi abazokundiphuthuma baseza. Ndajingxela ndaya kuhlala kwisitulo esikufuphi. Ndithe ndakuphakamisa amehlo, ndafika kukho umfazana ohleli qelele kwesimelene nesam isitulo.

Ecaleni kwakhe kwakumi intwanana engaba kwishumi leminyaka. Lithe selimkile iliso lam kuye, laphinda labuyela kwakuye. Unina wayezigqume ubuso kucaca ukuba uyalila, le nkwenkwana imi bume iyathuthuzela. Emva komzuzu ndibone ngentokazi iphakama, yaza kugqitha ngakum. Yayintle imile kakuhle, emile oku kugqithisileyo nonyana wayo. Ulilela ntoni ke umntu omhle kangaka enonyana onje ukuba mhle? Ithe seyigqithile le ntokazi kum, yajika, ndamva umfana xa ekukhalazela oko, ethetha isiXhosa. Ijike yaza kuma phambi kwam, ayagqitha. Ndaphakamisa intloko ndisiba mhlawumbi ngumntu oxakwe yinto.

9.8 Ufika evela phi uMfazwe sele egaleleka kwisitishi senqwelo-moya? (1)

9.9 Zintoni ezi wayengenawo amandla okuzifunda? (1)

9.10 Cacisa unobangela wokuba uKhonjwayo abe ligeza lentambo? (2)

9.11 Ingaba uMfazwe wazalwa ejingxela? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.12 Phawula ngendima edlalwe nguCikizwa kubomi bukaZubuye. (2)

9.13 Uthini umongo wale ncwadi? (2)

9.14 Umbhali umsebenzise njani uCikizwa ukutyhilela uMfazwe ngeziqhamo zothando lwakhe noZo? (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Xoxa ngezibongo neentsomi phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

1. Imisebenzi

2. Isakhiwo **[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda le ntsomi ingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

**INTSOMI YEENYAMAKAZANA**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, yayiziinyamakazi zonke, zalima intsimi zemka zaya kuzingela. Zabuya zayihlakuhlakula. Zemka zaya kuzingela kwakhona. Zabuya zisiya kuhlola. Zathi zisekude zabona umsi omkhulu phakathi entsimini. Zahlala phantsi zacinga icebo zaza zagqiba ukuba uMvundla uye kujonga ukuba ngubani lo usentsimini yazo. Uhambile uMvundla ngokuzithemba waza wakhwaza wathi: 'Ungubani na wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke; zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela?' Livakele ilizwi lisithi, 'Ndim Maginy' inyathi neempondo, ndingasuka nawe Mvudlazana ndikuginye ndingakuhlafunanga.' Wagqotsa kwa oko uMvundla.

Zathi iinyamakazi makukhe kuye uMfene. Naye ufike wamemeza wathi: 'Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela.' 'Ndim uMaginy' inyinyathi neempondo, ndingakuginya ngoku' Yagqotsa imfene ukubuyela emva. Zamana ukuya nganye-nganye zibuye, kwada kwacaca ukuba kushiyeke uFudwazana yedwa. Kwathiwa makukhe kuye yena zabe ezinye zinqanda zisithi kungathi koyiswe zona kobekela phi kooFudwazana abancinci. **Wabonakala ezwabuluka ngokuzola zabe ezinye zimsizela zimbuza ukuba uyaphi na kodwa eza kuzenzakalisa nje.** UFudwazana zange amamele warhoqoza wenjenjeya ukuya kuzikhangelela le nto isentsimini yabo. Naye njengezinye wakhwaza wathi: 'Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima, zayihlakuhlakula zaya kuzingela?' Yaphendula njengesiqhelo yathi: 'NdinguMaginy'inyathi neempondo nawe lo ndingakuginya ungabonakali.'

Warhoqoza uFudwazana wabheka phambili ezama ukusondela kanye kule nto. Wathi akuyibona izojela umbona waphinda wakhwaza njengakuqala. Yathi xa iqala ukuphendula njengesiqhelo wakhwela kuyo uFudwazana wayikhama. Kwajijiswana kwayiloo nto wabe uFudwazana engayiyekanga. Yada yafa waba ke uFudwazana uyigqibile edelelekile enjalo.

Wathi ukuba abone ukuba uyigqibile waza wacula ingoma yakhe wathi:
'Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo!
Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!
Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo.
Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!
Yizani nonke nize kubona isimanga!'
Zabuza iinyamakazana ukuba uthini na uFudwazana. Zathi ezivileyo uthi ubulele utshaba. Yekoko ukubaleka zisiya entsimini. Zafika zambulela ngobugorha abubonakalisileyo. Zamncoma zimtyibela ukumthutha oku kuba uzihlangule iinyamakazana.
Ukusukela ngaloo mini wahlonipheka uFudwazana naye phakathi kwezinye izilwanyana kuba yena zange asebenzise zigalo kuba emncinci wasebenzisa ingqondo kuba wasuka wakhwela kulo utshaba walukhama lwafa. Zambamba izandla zimvuma ukuba ube ngoyena unengqondo kunazo zonke, zatsho zalivuma elithi: 'Ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga.' Phela-phela ngantsomi.

11.1 Nika ENYE indlela eqala ngayo intsomi ngaphandle kwale isetyenziswe kule ntsomi. (1)

11.2 Idla ngokuba ngubani umbalisi wentsomi? (1)

11.3 Sizathu sini esibangela ukuba intsomi ibaliswe ebusuku? (2)

11.4 Thelekisa indlela abazotywe ngayo aba balinganiswa uMaginy' inyathi noFudwazana. (2)

11.5 Ngezivakalisi EZIBINI cacisa ukuba iveza ntoni ngoFudwazana le ntetho ibhalwe ngqindilili kule ntsomi? (2)

11.6 Yintoni injongo yengoma kaFudwazana kule ntsomi? (2)

11.7 Tyhila isigqebelo esikule ntsomi. (2)

11.8 Nika intsingiselo yeli qhalo: 'Ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga.' (1)

11.9 Ungantoni umxholo wale ntsomi. (2)

## ISICATSHULWA F

**A! Zilimbola!**

.....................................................
A! Zilimbola!
Yinkcalankcala inkunz' aseGwali,
Umjezula kakuhle gqitha ngeliso,
Ngomlomo le nkunzi iyabhodla,
Ibhodl' iintshwembenxa zamagama,
Itsho ngezibhebhewula uncuthu.
Ciko lokuncokola, ciko lokuvuma-
Mv' evum'engaziwayo ingoma.
Nkunz' inomcondo yaseGwali-
Mabandl' akuloPhuthise nivile na?
Nditsho kuni mabandl' aseGwali.
MaGwali akuloPhuthise nibonile na?
Ukusombuluka kwenamba kowayo?
Isilo esimzila sibonwa koomaForthare-
KoomaKapa kooRowdzi siboniwe.
.........................................................
A! Zilimbola!
Ndikhuza wena, nyana kaNtaba,
Mphakuli wetsili linolwamvila,
Msombululi wezi**nts**onkotha nezi**nts**ompothi,
Mvumisi phakathi kwamagqirha,

Mbongi phakathi kweembongi,
Rhanga-rhanga phakathi kwamarhwanqa,
Ntyulubi phakathi kwamaqhitala,
Ntaba kaNdoda nay'iyangqina.
Nditsh' eyeBhukazana nekaMnqwazi,
Kuye kuye kwezaseBaThenjini,
Zithi zonke, Zilimbol' uyingqanga.
Nam ndith' uyindangandanga.
A! Zilimbola!
Ncincilili!

11.10 Nika iimpawu zibe MBINI zesi sibongo singentla. (2)

11.11 Safobe sini esikumqolo wesi-2 kwistanza soku-1? (1)

11.12 Yintoni injongo yokuphindaphindwa kwesikhahlelo u A! Zilimbola!? (1)

11.13 Nika into ibe NYE ebongwa ziimbongi zomthonyama. (1)

11.14 Tolika intsingiselo ephuhliswa ngumqolo we-18. (2)

11.15 Sixhobo sini sohlalutyo esiboniswa zizandi ezibhalwe ngqindilili kumqolo we-19? (1)

11.16 Cacisa okuqulathwe ngumqolo wama-23 kwesi sibongo? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 12 ukuya kumbuzo 15.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

Ubude beempendulo zemibuzo ezizincoko zoncwadi bungama-340–390 amagama.

### UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Xoxa ngamanqanaba esakhiwo sebali (iploti) kwiNcwadi ethi *Amaza*. **[25]**

### UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

| | |
|---|---|
| XOLILE: | *(Ebhekisa kuKhulile)*<br>Khawunqande mkhwezeli weentlantsi eziqhuqhumbayo! |
| SABATHA: | Namhla mnta ... |
| NAMHLA: | Wena, tat' omncinci akunaye nomfazi.<br>Uhamba usaneka izabatha nje!<br>Ulifuzile kunjalo nje igama lakho! |
| QEBEYI: | Uphambene Namhla? |
| MPHURHU: | Iya kuqhawukela kuwe le mvubu! |
| NAMHLA: | Sukulingisa. Betha!<br>(*Baphakama bonke. Abanye bayanqanda,*<br>*Abanye bayafuna. UMaDlamini uziphosa phezu kukaNamhla emkhusela.*<br>*Ekugqibeleni kukho inzolo.)* |

| | |
|---|---|
| MADLAMINI: | *(Esophisa)*<br>Kujongenwe ngezikhondo zamehlo<br>Ngenxa yakho ntomb'am Namhla. |
| NAMHLA: | *(Evutha ngumsindo, ethetha esiya emnyango)*<br>Bekuthwe kuqala ngam ukubona isiko? |
| MADLAMINI: | Sityhale isifuba ntomb' am undigile,<br>Ngqisha isihlangu sakho undixovule.<br>Mazigqabhuke izidlele zakho likratshi,<br>Kodwa uze ukhumbule oku:<br>Ndim owakushubelisayo, ndim owakufinyisayo! |
| NAMHLA: | *(Esima emnyango)*<br>Zingakanani izinto owandenzela zona? |
| DANILE: | Kodwa Namhla ungenwe yintoni?<br>Uthi wafundiswa ngubani? |
| NAMHLA: | Ndafunda ngebhasari mna,<br>Ndancedwa kwakhona sisipho semali somntu endingamaziyo.<br>Wena wawundendisa! |
| XOLILE: | Sanukuzihlupha torho!<br>Umntu akoneli zizinto omenzela zona, eyona ngubo yokumambathisa athule ngumhlaba! |
| KHULILE: | Ewe,<br>Ubulungisa bunamanxeba! |
| SIXHAXHA: | Wakufa wena uya kuya esihogweni,<br>Ndiyayithandazela loo nto. |
| NAMHLA: | Ha! Ha! Ha-a-a-a-a-a-a-a!<br>Umthandazo weyilo nesikhohlakali awufiki ezulwini, uThixo akahlalanga kumqolomba weminyanya;<br>Uhleli ebuqaqawulini beminyanya;<br>*(Umbakraza ucango aphume)* |
| KHULILE: | Wasigezela umntwana ngendoda engekamtshati nokumtshata! |

13.1 Kuphi kule ndawo badibanele kuyo aba bantu bancokola apha? (1)

13.2 Siganeko sini esandulela ukuba kubekho le ntlanganiso yamaBhele? (2)

13.3 Inokuba yintoni eyabangela ukuba uSabatha angayigqibi intetho yakhe? (2)

13.4 Ityhila ntoni ngesimo sikaNamhla intetho yakhe ethi, 'Wena, tat' omncinci akunaye nomfazi. Uhamba usaneka izabatha nje!'? (2)

13.5 Loluphi udidi lwempixano oluphakathi kwamaBhele ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.6 Xela inqanaba lesakhiwo sebali esikulo esi sicatshulwa ngokwencwadi. Zixhase. (2)

13.7 Veza indima edlalwe nguMaDlamini ebomini bukaNamhla ngokwesicatshulwa. (1)

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| SILUMKO: | Kufuneka nithethe nomfi uSidima,<br>**Nguye obangela lo mba**;<br>Umoya wakhe usalwa noMaMbhele<br>Kuba bohlukana kakubi xa ndisiva. |
| VATHISWA: | Kanti injalo loo nto. |
| SILUMKO: | Umfi ke uxoliswa ngokunikwa isitya segazi. |
| NGXELELO: | Kanti singaya ngobu busuku. |
| SILUMKO: | Hayi Cirha,<br>Akwenziwa njalo.<br>Kukhethwa ubusuku benyanga esisonka. |
| NGXELELO: | Siza kuyazi kanjani ke thina? |
| SILUMKO: | Ilula loo nto kuthi thina bantu bathwasileyo.<br>Inyanga iya kuba sisonka kule veki izayo,<br>Iincwadi zabelungu ziyayingqina nazo loo nto.<br>Siye phi? |
| NGXELELO: | Ngayiphi kanye imini? |
| SILUMKO: | Imini iya kube inguLwesibini kule veki izayo. |
| MANDABA: | Ixesha? |
| SILUMKO: | Iya kube iyintsimbi yeshumi elinambini ebusuku. |
| VATHISWA: | Ndakuligcina ixesha,<br>Babugugarha aba ndihlala nabo. |
| SILUMKO: | Vathiswa, ndinike iphepha<br>Ndibhalele unyokokhulu amazwi ekuza kufuneka ewathethile engcwabeni.<br>*(UVathiswa unika uSilumko iphepha.*<br>*Akugqiba ukubhala ulinika uVathiswa.)* |

| | |
|---|---|
| MANDABA: | Ndangena esikolweni sendigugile. |
| NGXELELO: | Silungisa imeko Ndaba. |
| SILUMKO: | Uze ke Vathiswa uculise unyokokhulu loo mazwi yonke imihla naphambi kokuba alale. |
| NGXELELO: | Umntu akabulelwa esaphila. |
| SILUMKO: | *(Enika uMaNdaba umgutyana ngelaphu)*<br>Thatha nanku umgubo,<br>Uze uthi wakugqiba ukubeka igazi ngesikotile,<br>Usarhaze wona wandule ukuthetha amazwi akho. |
| NGXELELO: | Isimanga Thole sesokuba uMaNdaba lo ligqirha ngokwakhe kodwa akhange ayiboniswe le nto! |

13.8 Ngowuphi lo mba athetha ngawo uSilumko kwibinzana elibhalwe ngqindilili? (2)

13.9 Ngubani lo MamBhele uSilumko athetha ngaye? (1)

13.10 Sizathu sini esibangela ukuba kuthiwe umoya kamfi uSidima usalwa noMamBhele? (2)

13.11 Usebenzise obuphi ubuchule umbhali ukubonisa uMaNdaba njengegqwirha kule ncwadi? (2)

13.12 Yintoni unobangela wokuba uSilumko anike uMaNdaba umgutyana osongwe ngelaphu. (2)

13.13 UVathiswa ululuphi udidi lomlinganiswa kule ncwadi? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.14 Ingaba injongo kaLizo noNamhla ngomtshato yaphumelela? Cacisa. (2)
**[25]**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Xoxa ngamanqanaba esakhiwo sebali (iploti) kwincwadi ethi, *A-a-a! Jongumsobomvu!*. **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

FILIPHU: Nalapho usaphazama Kholoneli obekekileyo. Khumbula kaloku ukuba akukho ndawo eBhayibhileni ethi awuvumelekanga ukuba ungamqesha umsebenzi wakho. Urhulumente nabantu banelungelo lokuqesha abasebenzi bokwenza loo misebenzi ilolo hlobo baze babahlawule imivuzo efanelekileyo ngangokubona kwabo. Eyona nto siyilwayo thina lolu shishino ngabantu beNkosi kwanokuphathwa gadalala kwabo, bebangwa ngendlela apha emasikizi. Kodwa ndingakhendikuphe le ndawo: Umfundisi uKondile undibikele into yokuba kukho abantu abangamakhoboka phantsi koHintsa, ndiyibeke esweni naleyo imeko.

SOMERSET: Ndikhe ndayithi rhithi ke loo ndawo ngeempukane eziluhlaza. Sekukho nangoku amafama ebekhalaza apha besithi xa uHintsa yena evumelekile ukuba namakhoboka, kwalani kuwo? Kukho umkhethe na kulo mbuso wethu waseBrithane? Ndilithandile elo lizwi lawo kuba linenyaniso. Sekukho nangoku umkhwa apha kwaba bantu bebengamakhoboka, lo wokungafuni kusebenza. Uthini ke kuloo ndawo Gqirha?

FILIPHU: Sendiwubonile loo mkhwa Kholoneli. Yiloo nto kanye le indizise apha. Abalawuleki ngenene. Wokhumbula kaloku ukuba esi sizwe samaLawu sathatyathwa ngaphaya eNtshona -Koloni, sanda kangako kweli cala ngenxa yokongezelelwa ngezo zizwana zaseMpuma. Kungoku nje abanandlela yakubuyela kuloo makhaya abo. Bayakhutshwa ngamafama xa bengafuni kusebenza, nto leyo esiphathele iimbacu phaya emishini. Ndize kufuna icebo apha kuwe. Asikwazi kubathwala bonke, kuba uninzi lwabo luza lungena zinkomo nampahla emfutshane.

15.1 Kuphi kule ndawo badibanele kuyo aba bantu bancokola apha? (1)

15.2 Siganeko sini esandulela ukuba kubekho le ndibano? (2)

15.3 Ingaba amagama abalinganiswa abakwesi sicatshulwa avelisa ntoni ngokwesimo sentlalo? (2)

15.4 Ibonisa ntoni ngamakhoboka intetho kaFiliphu ethi **'Eyona nto siyilwayo thina lolu shishino ngabantu beNkosi ...'**. (2)

15.5 Ingaba uHintsa wayenamakhoboka ngokwamaNgesi? Xhasa impendulo yakho ngokwesicatshulwa. (2)

15.6 Xela inqanaba lesakhiwo sebali esikulo esi sicatshulwa ngokwencwadi. Zixhase. (2)

15.7 Loyiko luni awayenalo uSomerset ngokukhululwa kwamakhoboka ngokwesicatshulwa? (2)

15.8 URufus uzotywe wangumlinganiswa onjani kweli bali? (2)

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| MAQOMA: | Tshezi khawubuze kula madoda ukuba ahambe njani nomfi kule ndlela. |
| MSIKA: | A! Jongumsobomvu! *(Akhahlela onke amabutho)* A! Jongíndyebo! *(Aphinda)* Gcina, ndiza kubhekisa kuwe mfondini. Anikhange nidibane nazimpungutye kule ndlela? |
| GCINA: | A! Jongumsobomvu! *(Aphinda alandele amabutho)* A! Jongíndyebo! *(Aphinde)* Mhlekazi, indlela yethu ibe ntle kakhulu kuba iminyanya ivakele ukuba ithethile neSholognu. Size kugaleleka apha komkhulu emva kweenkukhu zesithathu. Sifike kuyile nyambalala uyibonayo, ekucaca ukuba iintlola zethu ziwenze ngokufanelekileyo umsebenzi wokubika. Sonke isizwe silapha njengoko ubona. |
| MSIKA: | Kwakuhle ke oko madoda. Zibikelwe na iinkosi ezingabammelwane ngesi sihelegu? |
| MZIMA: | Tshezi sibaqhube kwangesifingo ababiki ukuya kuzo zonke iinkosi ezisingqongileyo zabaThembu namaQwathi. Ndithetha nje sezifikile ezindlebeni zam ezokuba sezisemnyango zonke ezo nkosi. |
| MAQOMA: | Ndiyabulela Tshezi. Ndibamba ngazibini nakuni madoda. Kuyabonakala ukuba umkhwe ubekhuselwe ngamadoda enyaniso namakroti enene. Ngxatsho! Mandiphinde ndithi ngxatsho Dlomo nakuwe Qwathi. Mzima, lungisani abembi ngoku, niyalazi isiko labaThembu. Qhubani ngalo ke. Ndiza kucela ke ngeli xesha abembi bombayo kukhululwe uMngxongo lowa kulaa mthi khe simncine, hleze kuthi kanti ayanyakazela amawala-wala apha phakathi kwenu. (*uMzima ukhetha oonyana bamaphakathi ukuba bembe ngeli xa uDlomo neqela elithile besiza kukhulula uMngxongo naloo mbinana yamadoda achaphazelekayo)* |

15.9 Xela okuveliswa yintetho kaMaqoma esekuqaleni ngokwesimo sentlalo. (1)

15.10 Sizathu sini esibangele ukuba uBawana abulawe? (1)

15.11 Sityhila ntoni isenzo sokuncinwa kukaMngxongo nguMaqoma namaphakathi akhe? (2)

15.12 Babunjani ubudlelwane phakathi kobukumkani bukaNgqika nombuso wamaNgesi? Zathuza. (2)

15.13 Ingaba liyinene uluvo oluthi uSomerset yingcuka eyambethe ufele lwegusha ngokwasencwadini? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.14 Ungantoni umxholo wale ncwadi? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**